# IMFENE KA DEBEZA.

(UMDLALO)

NGU

GUYBON B. SINXO,

UMBALI KA "NOMSA."

A
496
371106
SIN

LOVEDALE INSTITUTION PRESS.

BAA
No. 69083 Class A196.371106
SIN
African Studies Seminar.
LIBRARY OF THE UNIVERSITY OF CAPE TOWN · BIBLIOTHEEK VAN DE UNIVERSITEIT VAN KAAPSTAD
SPES BONA
S·A·C 1829 Z.A.A. U.K. U·C·T 1918
G. & S. LTD. C.T. 15M/4/42. (RED.)

# IMFENE KA DEBEZA.

# IMFENE KA DEBEZA.

(UMDLALO)

NGU:

GUYBON B. SINXO,

UMBALI KA "NOMSA."

LOVEDALE INSTITUTION PRESS.

" Xa bate kuni, qusealani kwabaneshologu nakosiyazi, abalozayo, abadumzelayo yitini Abantu mabangaquqeli ku-Tixo wabo yinina? ngenxa yabaphilileyo mabaquqele kwabafileyo na? " U-Yesaya 8. 19.

Lomdlalwana unikelwa

kwi

Ntombi yam, umntwana wam wokuqala,

u

Griselda, Judith, Nozidwangube, Nomsebenzi.

Isisipo

Sombla wokuzalwa kwake wokuqala (First birthday)

obe ngomhla

Wama 25 ku November, 1925.

# INTSHAYELELO.

Mzi Wakowetu,

Zininzi incwadi abanazo abantu abantsundu abafuna ukubala, nqi ukushicilelwa ngenxa yokungabiko kwemali.

Nati [sinayo eminye imidlalo yoluhlobo, kodwa ngenxa yemali ayinakubonana nelanga. Sixinge kwangolohlobo nakwezinye intlobo zenewadi.

Ngoko ke sibenela kuni, mzi wakowetu. Nakusinceda ngokuzitenga ezincwadana, sincedakale.

Nango ke umdlalwana. Sinenkolo yokuba uyakufundwa ngabantu abaninzi, ngakumbi ngotitshala nentsapo zabo.

Sike samane siyenza lemidlalo e-Monti, e-Bofolo, e-Lovedale nase Bayi, safumana apo ukuba imtshumayelo eza ngoluhlobo lwe-"Play" ayinqeneki ukupulwapulwa.

Esenu Isicaka.

G. B. Sinxo.

# "IMFENE KA DEBEZA."

Le "Drama" okunye lomdlalo obålwe kulencwadana ubålwe ngomnye wabafana ababonisa ukuba buyemka ubusuku, liyapuma ilanga e-Afrika.

Lomfana ngale-Drama ubonisa ngobuchule obukulu okokuba ubu-Kristu bungamandla kumntu ngamnye ote wakolwa ngenene; ebonisa kanjalo okokuba idabi eliliwa ngum-Kristu ukucasa inkolo yokutakata nezilingo zayo likulu kakulu njengokuba kwabanjalo ngalomshumayeli wayegula.

Ubonisa kakuhle okokuba akuko nto ikukutakata; into ekoyo bubuchule bamagqira ukwazelelela, nokutelekelela, nokufeketa ngengqondo zabantu kwintswela kucinga nokolo ekukufa okukulu ezizweni sakowetu ngelixesha.

Nantso incwadana Bafundisi naba shumayeli! Yibani ngabantu abapapileyo. Nantso i-Drama bafundisi bentsapo yonwabani nentsapo sibone xa nise zikonsatini nentsapo eniyiqeqeshela u-Tixo nesizwe, nalo ionke uluntu.

Esi sisiqalo sento eninzi ye-Drama ezizakulandela ezibålwe ngulomfana okwangumbåli ka "Nomsa" incwadi enomdla.

Mkutazeni lomfana ngokuyifunda le-Drama.

Katalelani izinto ezibålwe ngolwenu ulwimi. Zizo eziyakunenza nipakame, nihlonelwe nazezinye izizwe.

JAMES ARTHUR CALATA.

# ABANTU ABADLALAYO:

| | |
|---|---|
| U-Mnqwazemfene ... ... | Ozenza isanuse. |
| U-Tshalilanga }<br>U-Nombandezelo } ... ... | Abakweta bake. |
| Abafazi ababini ... ... | Besiya kuka amanzi. |
| U-Gosani ... .. ... | Umshumayeli Ogulayo. |
| Umka-Gosani ... ... ... | Otyolwa ngokubulala umyeni wake. |
| Unina ka Gosani ... ... | Oncedisayo ekumwiseni. |
| U-Sikade }<br>U-Bambezake } ... ... | Abashumayeli. |
| U-Mfundisi. ... ... ... | Omtandazelayo. |
| U-Debeza .. ... ... | Onukwa ligqira. |

Xa bate kuni, quqelani kwabane-Shologu nakosiyazi, abalozayo, abadumzelayo, yitini abantu mabangaququqeli ku-Tixo wabo yinina? Ngenxa yabapilileyo mabaqukqele kwabafileyo-na?

*U-Yesaya 8, 19.*

Ama-Sirayeli azibandakanya ke no-Bahale-Pehore. Wavuta umsindo ka-Yehova kuma-Sirayeli.

*I-Numeri 25, 3.*

## INDAWO I.

### Kuse-Njwana, emlanjeni kwa-Mnikina.

*Wakuba uvuliwe umkusane, kungena u-Mnqwazemfene elandelwa ngu-Nombandezelo no-Tshalilanga. Banxibe isinxibo sabantu ababomvu. Bahlale pantsi.*

*u-Mnqwazemfene* :

Uyabona ke, Tshalilanga,
Nawe Nombandezelo,
Nizakuba ngabakweta bam :
Mna ndizakuba ligqira.
Pay' elalini zeniti ndingu-Mnqwazemfene.
Ligama lam lobugqira elo.
Ndide ndibe ngaka nje mna.
Ezi zam izandla zaba soloko
Zisilw' imfazwe nomsebenzi:
Kanti ke noko kunjalo niyazi,
Inkomo ndinazo njengamadod' onke ;
Abafazi ndinabo njengamadod' onke:
Yonk' into ndinayo njengamadod' onke;
Ndingumdolomba womfo, andiswele
Ndiyahluta, nina ke niswele,
Hambani nam nihlute.

*u-Tshalilanga* :

Ndiyakuva, mfondini.
Indlebe zidl' ukudla kwazo
Kunjalo nje utsho kona.
Kodwa iny' into eyinqobo
Ut' uzakuzenz' isanuse:
Qonda, lelali asiyazi,
Kwanabantu bay' asibazi,
Asibazi abahletywayo,
Singabazi nabamsulwa,
Sakutini ke ukuvumisa?

*u-Nombandezelo :*

Yima ke, búti, yima
Ndingakubet' emlonyeni.
Ngati ley' indaw' encinane :
Wayeligqirakaz' udad' etu.
Ndabona kuye ke mna
Ukuba kant' ukuvumis' ok' akuko.

*u-Mnqwazemfene :*

Ewe, kawutsho, Nombandezelo.
Ma Dad' etu! uz' enyanisweni.

*u-Nombandezelo :*

Bekusit' apo sifunwe kona
Sixelelwe senzelw' igazi.
Ibúkuqek' ilal' ukuz' enyameni.
Kupungw' ozikofu ap' ibeyilonto ;
Azilalise ke yen' udad' etu
Kuviwe seleman' encwina :
Kuviwe seleman' ehlasimla.
Kumaxa ke mna nditsutsuza,
Ndiququzela, ndikwezela ndipeka.
Iqub' incoko zivakal' izinto.
Kuti begoduka sibe sesikwazi
Konk' esiyakukuvumisa ngengomso.

*u-Mnqwazemfene :*

Ma Dad' etu, Cungw' efel' e-Mnyameni !
Uyayazi kanti lento wena, Nombandezelo ;
Ilula ke lonto, x' ungabizi magama
Usiti woyik' ukubanjwa.
Utet' ubufalafala nje wena.
Umntu ngenxa yengcingane
Abe enayo kakade
Uyakubenz' obobufalafala
Busingise kobemcingela kakade.

*u-Tshalilanga* :

Ndaza ndasiv' isimanga ;
Indlebe zidl' ukudla kwazo.
Zindlebe zam nab' ubulumko !
Zindlebe zam nants' impilo !

*u-Nombandezelo* :

Ngoban' abaya bezayo ?

*u-Mnqwazemfene* :

Ngabafazi, bez' emlanjeni.
Masibamse sitete nabo,
Siv' indawo-ndawo kub' apa.

*u-Tshalilanga* :

Nants' into yako :
Bendisengumntwana, bafondini.
Kungoku ndiyakula, ndiyahlangula,
Ndiyalupala, ndiba yingqondi :
Indlebe zidl' ukudla kwazo
Zindlebe zam nab' ubu —

*u-Nombandezelo* :

Hayi toro, Búti,
Kawuyek' indlebe zako.
Sebekufup' ababafazi.

*u-Tshalilanga* :

Nab' ubulumko !
Ndakutsho kancinci, Nombande.
Ndingavelwa : Nab' ubulumko !
Zindlebe zam ! zindlebe zam !

*(Kungene abafazana ababini, bepete i-emele. Banxibe ngokwase sikolweni.*

*Abafazi :* Molweni !
*Bonke* : Ewe !

*u-Mnqwazemfene* : Nivela pina bafazana ?
*u-Mfazi wo I* : Ap' elalini. Kwezankumba zivelileyo.

*u-Tshalilanga* :

Kwezankumba ? Nants' into yako !
Abantu balapa bahlala nenkumba !
Bendisengumntwana, bafondini,
Kungoku ndiyakula, ndiyahlangula,
Ndiyalupala, ndibayingqondi :
Indlebe zidl' ukudla kwazo

*u-Nombandezelo* :

Bhuti, toro Kawuyek' indlebe zako,
Wenza ngabom ; uyazi ukuba
Bayahlonipa batet' izindlu.

*u-Tshalilanga* :

Zindlebe zam ! zindlebe zam !
Ndakutsho kancinci, Nombande,
Ukuze ndingapazamisi.

*u-Mnqwazemfene* :

Kanitsho ke, bafazana, niyapina ?

*Umfazi wesi II* : Siz' ap' emlanjeni.
*u-Mnqwazemfene* : Kanirol' icuba ke.
*Umfazi wesi II* : Asinalo. Nivela pina nina ?

*u-Mnqwazemfene* :

E-Nxuba :

Uyintombi kabanina wena
Ndikwazi ndikugqibe nje ?

*Umfazi wesi II* : Ndiyeka Memani.
*u-Mnqwazemfene* : Ema-Nkabaneni ?
*Umfazi wesi II* : Ewe.

*u-Mnqwazemfene* :

O! ungumtshana ka mtshana.
Ke ngoku wendele kwabani?

*Umfazi wesi II.*

Hi bantu! ndakuyitini ke lonto?
Ndakutin' ukubiz' ubawo-zala?

*u-Mnqwazemfene* : Mncede, wetu, biza.

*Umfazi wo I* : Andilibizi nam.

*u-Mnqwazemfene* : Nizifihlile ke, batshana.

*Umfazi wo I* :

Ngumnt' ontloni lowo kuti kaloku.
Kodwa elogama lifana nalonto
Uyityet' emagxeni.

*u-Tshalilanga* : Ngu-Ngubo?

*Umfazi wo I* : Ucan' ucwete, bawo.

*u-Tshalilanga* :

Awu! Yini ntomb' am—
Imposi wayenz' incani?
Andikange ndidubule—
Zindlebe zam! Zindlebe!

*u-Nombandezelo* :

Bhuti Tshali, toro
Kawuyek' indlebe zako.
Uyazi ukuba okokukuti
Unyanisile.

*u-Mnqwazemfene* : Ewe, niyapila ke?

*Umfazi wesi II* : Siyapila, malume,
Ngapandle kwelilanga, nezifo ke.

*u-Mnqwazemfene* :

Awu !
Wati nezifo. Mtshana,
Idume ngokutakata kade nje lendawo ?

*Umfazi wesi II* :

Yeka lonto !
Kuyatakatwa apa.

*u-Tshalilanga* : Zindlebe zam !

(*Exuma, selemi ngenyanco efun' ukubaleka. Abanjwe ngu Nombandezelo.*)

*u-Nombandezelo* : Yek' indlebe zako toro.
Kawuhlale, buti Tshali, pantsi.

*u-Tshalilanga* : (*ebuy' ehlala.*)
Bendisengumntwana, bafondini.
Kungoku ndiyakula, ndiyahlangula :
Ndakutsho kancinci, Nombande,
Ukuze ndingapazamisi ; '
Zindlebe zam ! Zindlebe zam !

*Umfazi wesi II* ;
Sihleli kakubi apa.
Lomzi nizakugqita kuwo
Kugula umniniwo.

*u-Mnqwazemfene* : Yintoni kaloku ?

*Umfazi wesi II* :
Hayi kucacile toro,
Udliwa yimpundulu yomkake ;
Yinto ebitye ayabinabala.

*Umfazi wo I* : Kusa kusihlwa.

*u-Mnqwazemfene* : Atin' amagqira ?

*Umfazi wo I*:

Akafuni kuva
Negqabi letapile ngawo:
Ngumshumayeli kaloku.
Kungatiwa akagqobókile
Akufun' igqira lom-Xosa.
Selegqityiwe ngumkake lomntu
Levo into isekuhleni.
Nguye lo umenze wanje
Ukubacas' abant' abanolwazi.

*Umfazi wesi II*:

Usela lamayeza abelungu ke:
Yo! masinishiye betu.

*Bonke*: Ewe.

*u-Tshalilanga*: Zindlebe zam! Zindlebe zam!
(*Bapume abafazana bobabini.*)

*u-Mnqwazemfene*:

Ewe, hay' ke kuzakulunga.
Masenze nje kodwa sifunwe.
Int' embi kutiwa uwacasil' amagqira;
Masihambe ke kodwa
Sóbe sifikela nakomny' umzi.

*u-Tshalilanga*

Hayi kulungile:
Nambl' indlebe namehlo zityile:
Masihambe.

(*Bapume. Uvalwe umkusane.*)

## INDAWO II.

### KUKWA GOSANI, U-MSHUMAYELI.

*Ngula Gosani ngulayo, bebetele ngaye abafazana ku-Mnqwazemfene.*

*U-Gosani nomfazi wake kunye nexegokazi, unina, bahleli ezitulweni. U-Gosani selemani ekohlela. Kungene abashumayeli ababini, u-Sikade no-Bambezake.)*

*u-Sikade*:

Yinile!
Nguwe, mfo ka Gosani,
Lo unje namhla?
Kufa, ulutshaba!
Ndakuba ngumnt' oyintoni?
Lomz' uyakuba yintoni?
Hayi! I-Nkosi mayingakubulali.

*u-Gosani*:

Mhlobo wam, ndiyafa.
Kunjalo-nje ndifa kakulu.
Ndike ndatandazel' ukupila,
Kodwa ngoku ndiziyekel' e-Nkosini
*(ekohlela)*
Ukuba yenz' ukubona kwayo kum.
*(ekohlela kakulu)*

*Umkake*: *(ebèkisa ku-Sikade).*

O! Búti!
Mta'ka bawo, uyandazi
Ukumtanda kwam umyen' am.
*(efixiza)*
Uyandazi, wena,
Ngoko ke akunakubukolelwa
Ubuxok' obutetwa ngam kulelali;
Kutiwa ndinempundulu!
*(elila)*

'Kutiwa yiyo le icel' umyen' am!
Kutiwa ndim lo umbulalayo!
Kutiwa ndim! Ndim! Ndim!
Nawe mhlaumbi utsho:
Mhlaumbi nenyembenzi zam
Aziluto kuwe -zezenkohliso!

*u-Gosani*:

Nâka Tembile! Nâka Tembile!
Uyandikataza ngokuziduba kwako
Ngezinto ezitetwa ngaba hedeni—
Izinto ezitetwa zizidenge.

*(ekohlela)*

'Tutuzeleka mfazi wam:
Uyayaz' u-Tixo into yalento.
Ndiyaz' mna andibulawa nguwe.
Kufik' imini zokunduluka kwam.

*(ekohlela)*

*Umkake*: *(ebèkisa ku-Sikade)*.

Andizange nditakate, buti,
No-Tixo wam uyayazi lonto.

*u-Sikade*:

Ndiyayazi lonto, Nâka Tembile.
Ubuti kulento abuveli kuwe.

*u-Gosani*:

Mhlob'am, akuko buti konke kulento,
Ndibulawa yimipunga—yikonzamshoni;
Yiyo le igqibe lenzala yam.

*u-Sikade*:

Anditsho, mhlob'am,
Ukuti akunjalo.
Kodwa nawe ngokwako

Akunakuqiniseka kulento
Ungazange waziqangqulula nje
Wayibona imipunga yako:
Nababelungu bati yiy' abanakuqiniseka.

*(Ajike abekise ku-Bambezake).*

Uyambona lomntu seleloludwayi nāmbla.
Akuko mshumayeli wake washumayela njengaye.
Baninzi ababe mmonele.
Izwi elatetwa ngoka Debeza kuwe.

*(ebĕkisa ku-Gosani).*

Esit' ugqibelisil' ukushumayela ngabantu
Nanamhlanje lisandihleli:
Qonda, akubanga ntsuku zatywala.
Wagula wena!

*u-Bambezake*: Kukw' ilizw' elinjalo?

*u-Gosani*

Ewe, liko.
Kodwa yena wayeliteta
Ebushushwini, ebangwa ngumsindo:
Ecing' ukuba ndandishumayela ngaye.
Noko ndati kanti mna
Ndinyatela kwizono zake ndingazi.
Ngamazwi omsindo nje lawo:
Akuko nto yakutakata kuwo.

*u-Bambezake*: Wagula wena emva kwawo?

*Unina ka Gosani:*

Isekuhleni lento, mntan'am.
Lomfana wam wahlabeka kwa-oko.
Andazi ukuba uvalwe- mehlo yininina

*u-Gosani*: Ewe, ndagula.

*Unina* :

Uyabona ke, mfo ka Bambezake,
Int' enje kutiwan' ukubizwa kwayo ?
Undibona ndite-kotso apa nje—
Ndiyinkuk' isikw' umlomo—lindikohlile !

*u-Bambezake* :

O ! yilanto ibitetwa
Lelagqira likwa Xola :
Utete lento kany' u-Mnqwazemfene ;
Ut' abashumayeli balap' abatandani ;
Bayabulalana.

*Unina* : Upi lomntu Mtan'omtan'am ?

*u-Bambezake* : Nanku kwa Xola, ma.

*Umkake* :

Tetani toro noyise ka Tembile
Ati nokuba ke yena
Akanankolo ebutini
Atsho libizwe eligqira
Ndihlambeke kwesisityolo ;
Sakundibulal' ukub' andihlanjwa kuso.

*u-Gosani* :

Ndakutini, Sitandwa,
Ukuhlamb' ubuxoki ngobunye ?

*Umkake* :

O yise ka Tembile !
Sit' isibålo bak' ababulali benyama.
Ngoko ke ako amagqwira ;
Malaziwe ke elikubulalayo.

*u-Gosani* :

Kuti ndakuva u-Satana
Esilwa ngesibâlo ndoyike.
Ndiyekeni ndife:
Mandijonge ku-Kristu wam
Ibenguye igqira lam.
Abuko ubugqwira.
Kungeko nokuvumisa.
Akanako ukuvumisa umntu
Engengomprofet' ukokelwa ngu-Tixo.
(*ekohlela*).

*u-Sikade* :

Hayi, mhlobo wam.
Buko ubugqwira :
Ziko indemoni
Zingqinwa nasisibâlo.
Ut' ezindemoni zintoni
Na ingengabo ohili?
Na ingezizo impundulu?
Na ingezozitunywa zika Satana
Ati abolekise ngazo
Kubantu abakohlakeleyo
Ukuba basebenz' inkohlakalo
Ngazo apa emhlabeni?

*u-Bambezake* : Nantso ke! Nantso ke!

*u-Gosani* :

Ukuba ke kunjalo kanti
Ezindemoni kutetwa ngazo zezonto.
Makube ke lamagqir' avumisayo
Akanto, ingengabo ababingeleli bomtyoli
Kub' akatsh' ukut' anobudlelane no-Tixo,
Ezintshaba, akatsh' ukut' aziboniswa nguye.
(*ekohlela*)

Ndingake ndiv' ebiz' igama Lake
Nasekuvumiseni kwawo.
Makube ke lamandla
Awapiwa yinkosi yendemoni.
" U-Belezebûbê ulwa no Belezebûbê :"
Angatinina ke okululweyo ngu-Kristu
Ukucel' ukukululw' ekufeni
Ngababusi baka Satana ?
*(ekohlela)*

*u-Sikade* :

Gosani, seludiniwe ngoku.
Kudala siteta sikubonisa.
Sizakube sikushiye !
Nokuba na ke ababantu
Bakanyiselwa ngu-Belezebûbê.
Nokuba ngu-Satana ngokwake.
Iyakuvela vona inyaniso
Ahlambeke umfazi wako.
Ixel' e-Endore mhla yavela ku Saule
Mhla wavuselw' u Samyeli.
Wavusw' efil' u-Samyeli, ligqwirakazi.

*u-Gosani* :

Yinina, Sikade mta'ka bawo !
Kwisahluko sesibozo senewadi
Yomprofeti ongewele u-Yesaya
U-Tixo akatsho na ukuti :
"Xa bate kuni Quqelani kwabaneshologu
Nakosiyazi, abalozayo, abadumzelayo.
Yitini : Abantu mabangayi ku-Tix' abo yinina ?
Ngenxa yabapilileyo mabaye kwabafileyo na ?"
*(ekohlela)*

Kananjako kangela kwi-Numeri
Isahluko samashumi-mabini anantlanu.

Ukangele kwi vesi yesi tatu uv' ukuba :
" Ama-Sirayeli azibandakanya ke no Båhali-Pehore
Wavut' umsindo ka Yehova kuma-Sirayeli."
*(ekohlela)*

Kangel' indumiso yekulu elinesitandatu :
" Benza itole e-Horebe.
Baqubuda emfanekiswen' otyidiweyo.
Balwananisa uzuko lwabo
Ngent' emilis' okwenkom' edl' utyani
Bamlibal' u-Tixo umsindisi wabo
Owenz' imisebenz' emikul' e-Yiputa."
*(ekohlela)*

*u-Sikade* : Nditi iyakuvela kodwa yona inyaniso,
Iyakuvela ixele mhla yavela
Ku Saule e-Endore, ngegqwirakazi.

*u-Gosani* :

Asikuko nokuba wayesideng' u-Saule,
Ngokut' into awatanday' u-Tixo ukumfihlela
Ayokuyibuza ku-Satana yena.
Kangela ke ubutshijolo bomtyoli
Wenza ngemilingo umfanekiso ka Samyeli ;
Kumbůla yayingenguye u-Samyeli :
Akat' u-Tixo esala anyanzelwe.
Sibone ubukulu bas' isono sika Saule
Ungandilukuhleli kwesisono.
*(ekohlela)*

*Umkake* : *(elila)* Ndakuba yintonina ?
Ndakuba yintonina ?

*u-Sikade* :

Wa Mfondini !
Uqaqadekiswe yini kade—
Uyakumshiya ngoluhlobo lomfazi ?

*u-Bambezake* :

Yincutshe yamagqwira le ifumene lomfo!
Yincutshe: yincutshe yamakwela-mfene!

*Unina* : *(elila)*

Yinina, nyana wam!
U-Tixo uti masingazipilisi na?
Makabizw' u-Mnqwazemfene
Ungaf' ebutsheni bako
Makeze u-Mnqwazemfene
U-Tixo ancedisane namayez' ake.
Naye uyaxela:
Ut' ujongisa ku-Tixo
Ekunyangeni kwake.

*u-Sikade* : Mfondini! Mfondini!

*u-Bambezake* :

Yincutshe yamagqwira
Le, itole lomfo ka Gosani!

*u-Gosani* : *(ezitetela ejonge pantsi.)*

Kungengay' eyam inkolo, Tixo,
Ingeko eyam ezimvumiseni,
Nkosi, ndisengxingweni, ndisize!
Mbizeni u-Mnqwazemfene—
Mbizeni, ahlanjwe umkam—
Mbizeni nanele—nanele.
Nkosi ndisize, Kristu ndisize!

*u-Sikade no Bambezake* :

Wangen' enyaniswenil! Wangen' enyaniswenil!

*u-sikade* : Masiye kwangoku.

*(Uvalwe umkusane.)*

## INDAWO III.

KUKWA-XOLA, APO AFIKELE KONA U-MNQWAZEMFENE.

*(Kuhleli u-Mnqwazemfene, no-Tshalilanga, no-Nombandezelo. U-Mnqwazemfene selenxibe njenge gqira ngoku. U-Nombandezelo utsho ngemibaco engaqatyelwanga njengomkweta we gqira. U-Tshalilanga unxibe ngokwehlakani.)*

*u-Mnqwazemfene :*

Kwaqala kwalunga!
Nants' impi yakwa Gosani isiz' egqireni.
Indumasi yetu seyinkulu ngoku.
Yabonani ke andisayikunuka mkake,
Nok' ilali le ikulonto yonke.
Angati lamfo sinuke umkake
Angab' abenanto nati
Singangenelwa nto ke.
Kuk' elabali beke saliva—
Ndakunuk' u-Debeza, umshumayeli.

*u-Nombandezelo :*

Kwo! abanakungakolwa, bûti.

*u-Tshalilanga :*

Bendisengumntwana, bafondini,
Kungoku ndiyakula, ndiyahlangula,
Indlebe ziyazala bulumko,
Indlebe ziyapupuma. Zindlebe zam!

*u-Nombandezelo :*

Kwo toro, bûti Tshali.
Kawuyek' indlebe zako.
Nantsi lempi seyingena.

*(Kungene u-Bambezake, u-Sikade, umina nomka Gosani. Bakukov' ukubulisa, atete u-Tshalilanga.)*

*u-Tshalilanga :*

Ewe, kanitsho ke.

*u-Sikade :*

Hayi, nkos' am,
Singontongana-zilahlekile.
Size ap' enkosini
Ike isivise lento.

(*Igqira nabakweta balo libùnge kancinci.*)

*u-Nombandezelo :*

Nisiz' egqireni nje
Nilupete ke ukozo?

*u-Sikade :*

Yimali-ni kanene, Nkosazana?

*u-Nombandezelo :* Zishelen' ezintlanu.

*u-Sikade :* (*ezikupa ezibeka pambi kwegqira*)
Sinalo, Nkosazana.

*u-Nombandezelo :*

Ningabantu basesikolweni nje
Niyakwazi kodwa ukombela?

*u-Sikade :* Siyakulinga.

*u-Mnqwazemfene :* (*Selehlasimla yimihlola*)

Nganiti-ntlwa-ntlwa! (*ahlabele*)
"Vumani batshay' bomhlahlo!
Vumani batshay' bomhlahlo!
Vumani batshay' bomhlahlo!
Siyakuvuma siti dum-dum!"

(*Enye impi le iyamombelela, yena uyaxentsa. Yakuba ipindiwe ingoma aqale atete u-Mnqwazemfene.*)

*u-Mnqwazemfene :*

Yimani! Yimani! Nize ngenkomo!

*Bonke :* Siyavuma. (*kancinci*)

*u-Mnqwazemfene*: Hay' lihashe!
*Bonke*: Siyavuma. (*kancinci*)

*u-Mnqwazemfene* (*ehlabela*)

Vumani batshay' bomhlahlo!
Vumani batshay' bomhlahlo!
Vumani batshay' bomhlahlo!
Siyavuma siti-dum-dum!

(*Emveni kokuyipindapinda lengoma kunye nabantu, uti*:)

*u-Mnqwazemfene*:

Yimani! Kanime! Kuteni,—anivumi?
*Bonke*: Siyavuma.

*u-Mnqwazemfene*: Niza ngomntu!
*Bonke*: Siyavuma! (*Kakulu*)

*u-Mnqwazemfene*: Lomnt' uyafa!
*Bonke*: Siyavuma! (*kakulu*)

*u-Mnqwazemfene*: Yindoda!
*Bonke*: Siyavuma! (*kakulu*)

*u-Mnqwazemfene*: Lomntu ngumshumayeli!
*Bonke*: Siyavuma! Siyavuma!

*u-Mnqwazemfene*: Ubulawa ngomny' umshumayeli!
*Bonke*: Siyavuma! Siyavuma! Siyavuma!

*u-Mnqwazemfene*: Akaqondi yena!
*Bonke*: Siyavuma! Siyavuma!

*u-Mnqwazemfene*: Kutiwa yimpundulu!
*Bonke*: Siyavuma! (*kakulu*)

*u-Mnqwazemfene*: Kant' ukwelelw' imfene!
*Bonke*: Siyavuma! Siyavuma! Siyavuma!

*u-Mnqwazemfene*: Mandiyeke, ndingabizi magama.
*Bonke*: Siyavuma! Siyavuma! Siyavuma!

(*Ahlale u-Mnqwazemfene.*)

*Umka-Gosani*: (*epakama*)

Benditshilo, andizange nditakate mna!

*u-Bambezake*: Ngu-Debeza! Ngu-Debeza!

*u-Sikade*:

Hay' ke, nkunz' asemzini
Sanele, ucanile.
Sesinyuka nengalo.
Seluwukangela lomkuhlane
Seyingowako, siyakucela.

*u-Nombandezelo*: Umkonto niyakuwurola?

*U-Sikade*: Yintoni leyo?
*U-Nombandezelo*: Si-Sivula Nxôwa

*u-Sikade*: Uyintoni kanene?

*u-Nombandezelo*:

Zipont' ezimbini
At' akupila nirole
Itokazi lenkomo,—usapokazi—
Ibe ngumlandu ke lowo.

*u-Sikade*:

Yonke lonto sakuyenza
Sikolwe sakolwa, nkosazana,
Malize igqira.

*u-Mnqwazemfene*:

Bekungaseko limbi n' igqira
Sendisixelile nj' isizatu?
Lomnt' uhanjelwa
Ngulomntu nimbizayo
Akwele kulemfene yake;
Nqandani lonto kupela.
Akuko gqira likwaziy' ukubetelela?

*u-Sikade*:

Hayi, nkos' am, sesitembele kuwe.

*u-Mnqwazemfene*:

Asazi ke, sofika ngomso ngonyezi.
Kaloku nati sikangelis' e-Nkosini.

*u-Sikade*: Make sinishiye ke.

*Bonke*: Ewe.

(*Bahambe abantu bakwa-Gosani.*)

*u-Tshalilanga*:

Mfondini, ndikuncamile.
Ungumarazula wegqira!
Bendisiti uliqaba
Namhl' uqat' abant' abafundisiweyo?
Namhl' uqate amagqobóka:

*u-Mnqwazemfene*:

Bendinixelele mna
Nizakuhluta nihamba nam nje.
Cola-col' ingcambu zemiti pandl' apa·
Ugxulush' etasini;
Ngamayeza lawo wena.

*u-Nombandezelo*:

Colacola yonk' int' engenangozi wena,
Sakuti nguzifo-zonke lowo.

*u-Mnqwazemfene*: (*ahlabele*)

Azi sobayinina kwabahleba kangaka?
Azi sobayinina kwabahleba kangaka?
Azi sobayinina kwabahleba kangaka?
Hi!——awu: Hi!——awu! awu!
(*Uvalwe umkusane.*)

# INDAWO IV.

## Kukwa-Gosani, umshumayeli.

(*Kuhleli u-Gosani, unina, nomkake. Kungene u-Mnqwazemfene nempi yake.*)

*u-Mnqwazemfene* :

Molweni : Eligqwira selimenjenje lomfo?
*Bonke* : Ewe :
*Unina ka-Gosani* :
Kauncede, mntwan' omntwan' am.
Urole awona mayeza alungileyo.

*u-Mnqwazemfene* :

Kulungile, ma, sizakukangela ;
Kangel' apa, mfo ka-Gosani,
Nokuba akukolwa na wod' ukolwe,
Sizakukusebenza tina ud' ubone ;
Uzakud' apum' uhil' ezingcongolweni
Licace igqwira, ulibone ngamehlo.

*u-Gosani* :

Hayi, mfondini,
Upantse wandoyisa
Ngokumbulula izinto zalap' ungowasemzini!
Bendingazi ukuba inokuba ngu-Debeza lo!

*u-Mnqwazemfene* :

Nakuze nifel' emanyaleni
Nina magqobóka.
Make sikangel' etasini.
(*Avule itasi, akupe amayeza.*)
Uyalibon' elitambo,
Litambo likahili,
Sizakugonya ngalo ke
Ungafane ungenwe zizandla.
Olufele lolwe canti ;

Nalo, kunye nezintsiba zentloni,
Sizakukuqinisa ngalo.
Kanizis' ibèkile, namanzi,
Ndigalele lamayeza.
(*Agalele amayeza kulomanzi maninzi kunene.*)
Sela lonke nokuba
Linjanina wena.
(*alitate asele u-Gosani.*)

*u-Gosani*: Ndanele ngoku.

*u-Mnqwazemfene*: Sela, wena ufince.

(*Awe u-Gosani pantsi ngokokungati uyaqauka, akuligqibia iyeza.*)

*Umkake*: Yu! Yu! Nambulal' umyen' am!

*Unina*:

Bantu benkosi!
Nite lamaxwele anani?
Kungasuka into yangapa
Izokugqibezela umtan' am?
Baleka, uye kumfundisi, Nosayini.

*u-Mnqwazemfene*:

Ngumfundisi wantoni ngoku?
Nabiza ontamnani ngoku—
Anazi ukuba iyeza
Xa lifike kufe-kade
Lisebenza ngoluhlobo?
*Unina*: Nosayini, mus' ukumpulapula.
Biz' umfundisi!

*u-Mnqwazemfene*:

Siyakushiya ke, ma,
Xa usibizela ontamnani.

*u-Nombandezelo*: Hayi masihambe.

*u-Tshalilanga* :

Milenze yam ! Milenze yam, sabani !
Ndicela koxongo ! Ndicela koxongo !
Bendisengumntwana, bafondini,
Kungoku ndiyakula, ndiyahlangula,.
Ndiyalupala, ndibavingqondi ;
Amehl' adl' ukudla kwawo
Ndaze ndabon' abantu
Bebizelwa ontaminani !
Mehlo am ! mehlo am !

(*Apume, abaleke u-Mnqwazemfene nempi yake. Kungene umfundisi chamba nomshumayeli u-Debeza lO ube enukwa.*)

*Umfundisi* :

Yini, ma : kwenzeke ni—
Ngamahlamvu ani la azalis' indlu ?
Izimfele nantsiba zani ezi ?
Yini nimlukuhlelc ni umntu ka-Tixo—
Nitsholo ni ukuti makay' emaxweleni ?

*Unina* : O mfundisi ! Kuzakutiwani ?

*u-Mfundisi* :

Linye icebo,
Masibėnele kwelogqira
Nite nina nalilahla,
Masitandaze ku-Tixo.

(*Baguqe bonke.*)

*u-Mfundisi* : (*etandaza*)

Bawo, gqira lase-Zulwini,
Temba, nekulati lama-Kristu.
Sizigoba pambi kwako
Sicamagushel' umzalwana wetu ;
Mxolel' iziposo zake ;
Mbuyisel' impilo, siyakutandaza—
Menze atembe wena ;

Makapumelele kuvavanjo akulo.
Kwenz' okukufa kube yintsikelelo kuye.
Intando yako yenziw' emhlabeni
Njengoko isenziw' e-Zulwini,
Ngenxa yo-Yesu Kristu, Inkosi, Amen.
(*Abonakale evuka ehlala u-Gosani.*)

*u-Gosani:*

Mfundisi, ndiyakubulela
Ngokuzakunditandazela;
Bendingenankolo kade
'Kuma-xwele azidenge;
'U-Tixo makandixolele.
Ngenxa yamandl' omtandazo
Nangoku ndiziva ndizuz' amandla
Igqira lam, u-Yesu, uyakundipilisa.
Mhlob' am. Debeza, ndixolele,
Eligqira apa linuke wena.
'Besendibukolwa, kodwa ngoku
U-Tixo selendibonisile.

*u-Debeza:*

Ndiyivile lonto. mzalwana,
Andabi nangqumbo mpela
Kuba ndizazi ubumsulwa bam;
Kuba ndisazi ukuba usengxingweni—
Ukwingxingwa enzima, mhlob' am;
Ngamana u-Tixo wakupilisa,
Ngamana u-Tixo wakuxolela.

*u-Mfundisi:*

Masinishiye, mzalwana,
Ungaze umlibale u-Tixo.
Nguye owakufelayo;
Nguye omakabe ligqira lako.

*u-Mfundisi no-Debeza:* Bôtani ke. (*Bepuma*)
*Bonke:* Ewe.
(*Uvalwe umkusane.*)

## INDAWO V.

### KUKWA-GOSANI.

*(Kusemva kwenyanga ezintandatu emva kokwahlukana kwake no-Mnqwazemfene. Kungena u-Mfundisi, u-Gosani epilile, enonina nomfazi.)*

*u-Mfundisi*: Bôtani!
*Bonke*: Ewe!

*u-Mfundisi*:

Mhlob' am, u-Tixo wako
Ukwenzele izinto ezinkulu.

*u-Gosani*:

Ndipilile, mfundisi, ndingumqabaqaba,
Ndivuswe yimitandazo yabantu baka-Tixo,
Ewe, ndiyamngqinela u-Davide nditi:
Ndahlala ndilindele e-Nkosini;
Yatoba, yakuva ukuzibika kwam.
Yandirola emhadini wentshabalalo,
Nase ludakeni lomgxobôzo;
Yazimisa eliweni inyawo zam,
Yakuqinisa ukunyatela kwam.
Yabeka emlonyeni wam ingoma entsha;
Indumiso ku-Tixo wetu.
Abaninzi bayakubona, boyike;
Batembele e-Nkosini.
Hay' inyweba yalow' utembel' e-Nkosini;
Engabèki kwabareqa ngobumenemene.
Umncedi wam nomsindisi wam nguye;
Tixo wam, uz' ungalibali.

*u-Mfundisi*: Asikuko nokuba ndiyambulela u-Tixo
Ngokukubuyisela empilweni yako.
Uke weva na ukuba
U-Mnqwazemfene wabanjwa
Wagwetyelwa iminyak' emitatu?

*u-Gosani*: Wenze 'ni, Mfundisi?

*u-Mfundisi*: Ngokutengis' iyeza eliyingozi.

*u-Gosani*: Akwaba itolongo ibinokumnceda.

*Unina*: Nati, mfundisi, siwabonile
Amandla omtandazo.

*Umkake*:

Nokuba sendityolwa ngasipin' isityolo,
Andisayikuze ndizihlambe kuso
Ngokulukuhlel' umyen' am ezinkolweni;
Ndiyazohlwaya, u-Tixo makandixolele.
Nguye yedw' umkanyisi wezint' ezifihlakeleyo.

*Umfundisi*:

Masimbulele u-Tixo, bahlobo bam,
Seletshilo u-Gosani, kunye nomcul' ukuti:
"Abaninzi bayakubona, boyike;
Batembele e-Nkosini."—Amen.
(*Uvalwe umkusane.*)

ISIPELO.

## INGCACISO YAMAGAMA ANQABILEYO.

| | |
|---|---|
| *Ngabakweta* | Abantu abahamba hamba negqira, benyanga. |
| *Ndingumdolomba* | Ndomelele. |
| *Eyinqobo* | Enqabileyo. |
| *Isanuse* | Igqira elivumisayo. |
| *Ndingakubet' emlonyeni* | Ndingateti usateta. |
| *Cungw' efel' e-Mnyameni* | U Cungwa owafela e-Mnyameni wayeyinkosi yama Gqunukwebe. Kukufunga ngaye ke. |
| *Ndiyahlangula* | Ndiyaqokelela. |
| *Kusa kusihlwa* | Akwazeki. Umkuhlane mkulu. |
| *Aziluto kuwe* | Azinamsebenzi kuwe. |
| *Seleloludwayi* | Selejacekile. |
| *Akubanga ntsuku zatywala* | Akubanga xesha lide. |
| *Ndiyinkuk' isikw' umlomo* | Ndingateti. |
| *U-Belezebube* | Yinkosi yendemoni. |
| *Ngababusi baka-Satana* | Abakonzi bake. |
| *Kwabaneshologu* | Umnyanya. |
| *Nankosiyazi* | Abavumisi. |
| *Abalozayo* | Ababeta imilozi xa beteta neminyanya. |
| *No-Bahali-Pehore* | Isitixo sentlanga. |
| *Ukozo* | Yimali ekutshwa pambi kokuba igqira livumise. |
| *Sesinyuka nengalo* | Njengoko sewumbulule asisahlukani nawe, sesikucela. |
| *Umkonto* | Yimali ekutshwa pambi kokuba igqira liwusebenze umkuhlane. |
| *Usapokazi* | Litokazi elingekagqibeleli. |
| *Ngumlandu* | Yinto ekutshwa emva kokunyangwa komkuhlane. |
| *Ukubetelela* | Ukukusela umzi ngamayeza. |
| *Ngomso ngonyezi* | Ekuseni. |
| *Apum' uhil' ezingcongolweni* | Ivele inyaniso. |
| *Ngokumbulula* | Ngokuvumbulula ; ukuhlaba. |
| *Nifel' emanyaleni* | Nife kakubi. |
| *Sizakugonya* | Sizakuqinisa. |
| *Ungenwe zizandla* | Utakateke lula. |

| | |
|---|---|
| *Lolwe canti* | Inyoka yomlambo eziguquguqulayo. Kusetyenzwa ngayo ubugqi. |
| *Nezintsiba zentloni* | Intsiba zalenyamakazi inqabileyo, kutiwa zimenza oqashulwe ngazo anqabe abebutelezi, oyikeke. |
| *Ndicela koxongo* | Ndiyabaleka. |
| *Nekulati lama-Kristu* | Itemba, into eyiyo, exabisekileyo. |

# U-NOMSA.

Le yincwadana ebálwe kwangulombáli walomdlalwano.

Ukuba lomdlalwano uwutandile akunakungamtandi u-Nomsa.

Yena selehambe kakulu pakati kwabantu, utandwa kakulu emizini, ezityalikeni, nasezinaleni.

Lencwadi u-Nomsa inconywe kakulu ngalamapepa :—

Umteteli, Imvo, Naledi, Bantu-Batho, S. A. Outlook, ne Education Gazette.

Uti u-Prof. Jabavu xa ateta ngayo:— " Lencwadana inomtsalana, ayivumi uyiyeke wakuba uyifundile. Ibálwe liciko eliteta isi-Xosa senene "

Mawetu nali ilixa lokuzitakazelela izinto ezenziwe ngamawenu. Xelani ezinye izizwe :

Zombini ezincwadi zitengwa kwi :

MANAGER,
BOOKSTORE,
LOVEDALE, C. P.

Okanye ku :

Guybon B. Sinxo,
Njwaxa,
Middledrift.

2 JUNE 1942